Close this circular | Maak omsendbrief toe | Buyela emva

IMibuzo: Nariman Khan
Oscar Apollis

IFoni: 021 467 2597/ 8

IFeksi: 021 467 2573

ISalanthiso: 13/12/49
20090505-0079

Wes-Kaap Onderwysdepartement

Western Cape Education Department

ISebe IeMfundo IeNtshona Koloni

ISETYHULA : 0024/2009
UMHLA WOKUPHELELWA : AWUKHO

IYA: **KUBALAWULI ABAZIINTLOKO, KUBALAWULI, KUBAPHATHI BEZE-IMG, KUBAPHATHI BEEKOMITI ZEESEKETHE, KUBACEBISI NGEZE-IMG, KWIINQUNUNU, KUMABHUNGA OLAWULO, KOOTITSHALA NAKUBAFUNDI BEZIKOLO EZIZIIPRAYIMARI NEZIZIISEKONDARI ZIKARHULUMENTE**

ISISHWANKATHELO *Umzekelo woMgaqo wokuZiphatha weSikolo*
ESIFUTSHANE:

ISIHLOKO: UMGAQO WOKUZIPHATHA WEZIKOLO

1. ISebe leMfundo kuzwelonke lenze ukuba kubekho umzekelo womgaqo wokuziphatha wezikolo. UMthetho weZikolo waseMzantsi, uMthetho, 1996 (uMthetho 84 ka-1996) ukhuthaza ngokucace gca umgaqo wokuba isikolo kufuneka siqulunqe uMgaqo wokuZiphatha waBafundi waso. Nakuba kunjalo, isikolo ngasinye masiqaphelisise ngenyameko enkulu ukuba umgaqo waso uqulunqwa ngeendlela ezilawulwa yidemokhrasi nothetha-thethwano. Masiqinisekise kwakhona ukuba yonke imimiselo yawo iyangqinelana noMgaqo-siseko waseMzantsi Afrika, nobandakanya uMqulu waMalungelo oLuntu - ngakumbi amalungelo abantwana.
2. Umgaqo wokuziphatha mawucacise gca imithetho (*rules*) emalunga nokuziphatha kwabafundi esikolweni kwaye uchaze inkqubo yoluleko emayiphunyezwe sisikolo kumasango aso okanye xa bephumile ukuya kumela isikolo okanye beye kwitheko lesikolo.
3. Sinqwenela ukugxininisa ukuba izikolo mazibethelele le mimiselo kumgaqo wokuziphatha wazo ***Regulations for Safety Measures at Public Schools, ebhengezwe yiGovernment Notice measure 4 of 1040 of 12 October 2001 (as amended by Government Notice R1128 in Government Gazette 29376 of 10 November 2006), SASA (84/1996)*** *and the* ***Amendment: Regulation for Safety Measures at Public Schools 29376, 10 November 2006***, njengoko inxulumene nokubakho kwezixhobo eziyingozi okanye iziyobisi ezingekho mthethweni kumasango ezikolo zikarhulumente okanye kumntu othile ezikuye ngokuchasene nale mimiselo.
4. Ukuncedisa izikolo ukuba ziqulunqe uMgaqo wokuZiphatha wazo ngenjongo yokuseka indawo enocwangco nelawulwa ngendlela eyiyo neneenjongo elungiselela ukuba kufundiswe yaye kufundwe esikolweni, sifake ikopi yencwadi ekwikhompyutha (*electronic copy of the book*), **uMgaqo wokuZiphatha weSikolo** ukukuncedisa ukuba uqulunqe umgaqo wokuziphatha wesikolo sakho.

   Le ncwadana icacisa oku kulandelayo:

   ICandelo 1: Imithetho yeSikolo (*School Rules*)

   ICandelo 2: Inkqubo yoLuleko (*Disciplinary System*)

   IsiHlomelo A:

   - IFom yokuZibophelela koMfundi

   IsiHlomelo B:

- Itheyibhile 1: Uluhlu lwezenzo zolwaphulo-mthetho ngokodidi lolwaphulo-mthetho ngalunye
- Itheyibhile 2: Uluhlu lwezohlwayo ezinokuwiswa (*possible disciplinary sanctions*) ngokodidi 1, 2,
  3, no-4 lolwaphulo-mthetho ngalunye, ngokulandelelanayo

IsiHlomelo C:

- Umzekelo weSilumkiso esiBhaliweyo

IsiHlomelo D:

- Umzekelo weSilumkiso esiBhaliweyo sokuGqibela

IsiHlomelo E:

- Umzekelo weSaziso seNtlanganiso yokuXoxa iTyala loLuleko (*Disciplinary Hearing*)

IsiHlomelo F:

- Umzekelo wokuRekhodwa kweeNgxoxo zeTyala loLuleko (*Disciplinary Hearing*)

IsiHlomelo G:

- Umzekelo wokuFaka isiBheno (Ifom yokuHlalelwa kwaso (*Review Form*))

5. Sinethemba lokuba niya kusifumana esi sikhokelo siluncedo nokuba niya kuqulunqa umgaqo wokuziphatha oya kuninceda ekubeni nenze isikolo sibe yindawo ekhuselekileyo yokufundisela nokufundela.

ISAYINWE: NGU-RB SWARTZ
INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2009:06:30

Grand Central Towers, Lower Parliament Street, Private Bag X9114, Cape Town 8000
Nceda ubhale iimombolo zesalathisa kuyo yonke imbalelwano
Safe Schools: 0800 45 46 47
CLIENT CALL CENTRE: 0861 92 33 22

La maxwebhu alandelayo abhekisele kule setyhula.
Sebenzisa i-*Adobe Acrobat Reader*® ukuwafunda okanye ukuwaprinta.
Klikha kwisihloko esingezantsi: uxwebu luya kuvula i-*Acrobat Reader*® apho unokugcina okanye uprinte ikopi.
Ukubuyela kule setyhula, klikha kwi logo ye-*WCED Online* ephezulu kwesi sikrini.

"*Complete booklet:* *A Code of Conduct for a School*" (ubukhulu: 409 KB)

"*Introduction and Part 1: School Rules*" (ubukhulu: 134 KB)
"*Part 2: Disciplinary System*" (ubukhulu: 108 KB)
isiHlomelo: "*Annexures A - G*" (ubukhulu: 190 KB)

nyuka

Close this circular | Maak omsendbrief toe | Buyela emva